MAYOR, CLLR. MOMELEZI MBEDLA TABLING THE STATE OF THE MUNICIPALITY ADDRESS OF MATATIELE LOCAL MUNICIPALITY DURING COUNCIL MEETING HELD ON THE 30TH OF MAY 2019 AT MPHARANE IN WARD 13.

SOMLOMO WEBHUNGA, CLLR NOMASOMI MSHUQWANA

SOSTSWEBHU, CLLR SONWABILE MNGENELA

AMALUNGU E-EXECUTIVE COMMITTEE

AMALUNGU ECOUNCIL ABEKEKILEYO

MORENA WA SEBAKA, MME MOFUMAHADI MASEEISO MOSHOESHOE LE MARENANA A HAO, MADUME MME

AMALUNGU EBHUNGA KUMASPALA I-ALFRED NZO DISTRICT KUNYE NAMALUNGU EBHUNGA KUMASPALA WASE-MATATIELE

MARENA A TENG KWANO

REGIONAL LEADERSHIP OF THE ANC, ALLIANCE PARTNERS & OPPOSITION PARTIES

MOTSHWARI WA MASEPALA, DR. DCT NAKIN

MANAGERS AND STAFF

AMASEBE KA RHULUMENTE EWONKE

INKOKHELI ZAKWALIZWI

MATATIELE BUSINESS CHAMBER

ABAHLALI BASE MATATIELE

UMNTU WONKE OKHONA APHA

OONONDABA BETHU (ABAMAPHEPHANDABA & NONOMATHOTHOLO)

Mzi wakowethu, mandithathe eli thuba ndibulise kuni nonke egameni lophuhliso oluziswa nguRhulumente oxhuzul'imikhala, kulendawo esikuyo namhlanje, sebakeng sa - Morena Moshoeshoe, sibhotise nakwabo basiphulaphule kwizikhululo zethu zasekuhlaleni – i-Alfred Nzo kunye ne The Voice of Matat, sithi molweni, madume setjhaba sa rantsho, good day.

Somlomo,

Ndibulela elithuba undinika lona lokuba ndinike inxelo yobume buka Masipala wethu uphela. Lengxelo Somlomo, iquka yonke imisebezni ka rhulumente ethe yenziwa ngamasebe kaRhulumente kwiindawo zethu kunyaka mali ka 2018 – 2019. kwakunye nohlahlolwabiwo mali lonyaka-mali ka 2019 – 2020.

Malungu abekekileyo

Kubalulekile ukuba xandizakunika lengxelo, ndiqale nditsho ukuba lonyaka-mali siwuqukumbelayo awubanga lula kwaphela kuthi singuRhulumente wasekuhlaleni, oosomashinini kunye nabahli baseMatatiele. Uqhankqalazo esilubone kulendawo yethu lube nefuthe elibi kakhulu kwiinzame zethu zokuphuhlisa iindawo yethu, ingakumbi kwezoqoqosho. Kodwa noxa kunjalo, asipheli mandla, siqhubela phambili nokwakha iMatatiele engcono.

Honourable members,

This ending financial year was yet again one of the tough ones for us. The number of protests we experienced in our first quarter (between July and September) as the municipality compromised our productivity. You would remember that the town was in mayhem for a period of three weeks. Local businesses were also not spared as they reported severe loss of profits.

Unfortunate incidents reported included the torching of three vehicles and a temporal structure belonging to the Department of Roads and Transport in Maluti. These are incidents that we are all not proud of as the community of Matatiele and hope they will never be repeated.

Somlomo uzawukhumbula ukuba kuthe kungaphelanga nyanga zingaphi emva kwezi ziganeko zoqhankqalazo, sisaziphulula amanxeba singumzi waseMatatiele – suka ngoMarch kulonyaka abantwana bethu abathandathu eFreystata bemnka nomlabo besendleleni ebuya esikolweni. Singumaspala ke bahlali sibambisene nomaspala wasLundini senze konke okusemandleni ethu ukuhlangabezana neentsapho ebezichaphazelekile.

SinguRhulumente sazithabathela kuthi zonke iindleko zalomngcwabo. Ngoku singumaspala sikwiphulo lokubiya kwanokwenza mahle amangcwaba esi sithandathu. Xa sithetha ngalommba ke Somlomo andikwazi ukungalibaluli igalelo elidlawe ngu-Chief Lebenya noluntu lwase-Freystata ngethuba kwakukhangelwa imizimba yezintsana –"yanga imiphefumlo yabo ingalala ngoxolo".

Ndivumeleni ntozakuthi ndenze amazwi ombulelo aphuma emazantsi entliziyweni yam kuluntu lwaseFreystata ngentsebenziswano nokuzinikela elukubonakalisileyo ngexesha lobu bunzima sasijongene nabo.

Ndakube andenzanga kakuhle ukuba ndingabaliaba oosomashishini nabo bonke abantu abathe bafaka isandla

ngethuba umzi wase Freystata uvelewe yilentlekele, ndizakukhankanya u-Avbob waseMatatiele, inkampani iBatebang - Bataung, Pick n'Pay supermarket, Nodada Funeral Services, Matatiele Business Chamber, Mabona Civils & Plant Hire, Tshawe Infrastructure Technologies, Shuru Construction and Odg Technologies. Ke nnete ntja pedi ha e hlolwe ke sebata.

Bahlali

Kwakhona nakulo unyaka njengoko sasenzile kunyaka ophelileyo ukonyulwa kukaMongameli, masithathe elithuba emveni kokuba ikomishoni ejongene nolonyulo ibhengezile ukuba ulonyulo belungenamkhethe namakhwiniba ze kunyulwa yiPalamente uMongameli wesizwe wafungiswa kuMgqibelo esisuka kuwo.

Simnqwenelela ke uCyril Matamela Ramaphosa impumelelo kumsebenzi wakhe. Sele sizibona iinguqu ezenzekayo kwilizwe lethu kususela ekuthabatheni kwakhe iintambo zolawulo. Nathi singuloMasipala waseMatatiele sizakuqinisekisa okokuba umbono wakhe wokukhulisa uMzantsi Afrika sibambisene nathi

sizawuzeka mzekweni ukuze siphucule iimpilo zabahlali baseMatatiele.

Sizawukwenza oku ngokuqinisekisa okokuba siphucula uqoqosho lwethu ukuze ludale amathuba omsebenzi, silwe nentlupheko kunye nokungalingani.

Madame Speaker

Masikhahlele kwizigidi zabahlali baseMatatiele abathe baphuma beyokhetha urhulumente wabo ozakubakhokhela ukufezekisa iminqweno nezidingo zabo.

Ubinintsi benu baye badela imozulu engekho ntle bayovotela ikamva eliqaqambileyo leli lizwe.

Ukwenza njalo, bebonisa inkqubo yentando yesinintsi nembono ezahlukeneyo kuMzantsi Afrika omtsha.

Emveni kweenyanga zokuthetha nabavoti singalungu amaqela ohlukeneyo, kodwa ngoku abantu beli lizwe bathethile ukuba bafuna ukulawulwa njani okanye ngubani.

Sibulela kubantu abadala ngokuphuma ngobunintsi babo

njengesiqhelo ukususela ngo 1994. Sikwavuyiswa linani labantu abatsha ingakumbi abo bebevota okokuqala abathabathe inxaxheba bequlunqa ikamva labo.

Abantu bathethile kwaye bathethe ngokuvakalayo. Bavotele uMzantsi Afrika olinganayo, apho indlala nentlupheko kuzizinto zezolo. Bavotele ilizwe elinoxolo.

Sizivile nezikhalazo abantu abathe baziveza xa sisondele kulonyulo abanye baziveza nangomhla wolonyulo kwiWadi ezohlukeneyo bekhalazela imiba efana nezendlela, umbane, izindlu kunye namanzi.

Okwethu ngoku kukuba sisebenze kunye, singabebala nabamnyama, amakhosikazi namadoda, abancinane nabadala, ukokha iMatatiele yethu sonke esihlala kuyo, emanyeneyo, engenacalu-calulo, ekhululekileyo neqhubela phambili.

Bahlali

Kuleminyaka engashumi amabini anesihlanu, impilo zabantu baseMatatiele ziphucukile noko. Amawaka abantu banezindlu, umbane kunye namanzi acocekileyo.

Abantwana abasuka kumakhaya angathathi-ntweni bafunda mahala. Indawo yethu iyaqhubeka ngokucoceka, indlela eziluxanduva lwethu siyaziphucula nezinye izidingo ezingundoqo sizenzile kubantu bethu.

Noko kukunintsi esele sikwenzile, siyavuma okokuba besingenza bhetele kunoku kwaye nezinga lenkonzo besinako ukwenza bhetele. Siyavuma iimpazamo sizenzile kwindawo ezinintsi nexesha elinintsi silichithe singenzi ngendlela.

Lixesha eli lokuba senze izinto ngendlela eyohlukileyo, lixesha. Sikwisigaba ngoku sethemba elitsha ekulweni siphelise intswelangqesho, intlupheko nokungalingani. Sisigaba esi sokulwa norhwaphilizo. Isigaba sokuzivuselela.

Isigaba sokwakha ngokutsha.

Masivule kwiphepha elitsha **Masokhe iMatatiele sibambisene ukuze sikhawulezise unikezelo lweenkonzo.**

Honourable members

Uqoqosho lwethu aluguqukanga kwaphela ukuze lusebenzele uluntu lwethu. Intswela-ngqesho iphezulu, ingakumbi kulutsha. Ukuhlukunyezwa komama nabantwana kuyonyuka nezinga lokusetyenziswa kweziyobisi, ulwaphulo-mthetho nobundlobongela luphezulu kwindawo zethu. Imfundo yethu, uqeqesho kunye nezempilo zidinga inguqu emandla.

Ekuqaleni konyaka umbutho olawulayo xa ubusothula umqulu wezithembiso nongumkhombandlela wobomi obungcono kuthi sonke, mqulu lowo ozokuphendula ezingxaki sijongene nazo apha Matatiele.

uMongameli uye wakhankanya imiba ephambili ezakusincedisa ukukhulisa indawo yethu equka le:

- **Ukuguqula uqoqosho ukuze lusebenzele uluntu**
- **Ukuguqula iziseko ezingundoqo**
- **Ukulwa norhwaphilizo**
- **Ukokhiwa ngokutsha nokuvuselela isizwe esiphuhlileyo**
- **Ukuhlala ngozinzo esizweni nangobunye**

- **Nokwakha iAfrika engcono nelizwe elingcono.**

Somlomo ohloniphekileyo

Sizisa kuluntu lwaseMatatiele uhlahlo lwabiwo-mali emveni kokujikeleza iwadi zonke sikhangela izidingo ezihamba phambi. Kumele oluhlahlo lwabiwo-mali luphendule kwezi zidingo zilandelayo:

1. Amanzi

● Kwindawo ezinintsi kudlula iintsuku amanzi engaphumi.

• Umba weEngine ezisebenzisa idiesel maxa wambi iye iphele.

• Ingxaki yabantu abazitsalela amanzi ngokungekho mthethweni.

• Kunesidingo sokuba kongezwe iboreholes.

• Kusekho abantu abathutha amanzi emilanjeni, abanye bahamba imigama emide ukuze bawafumane amanzi.

2. Umbane

- Noko umgama osele siwuhambile mhle kodwa zikhona indawo ezisadinga umbane.
- Ward 22 apho kungekho nenye ilali enombane.
- Ezinye iwadi zidinga izikhanyisi ezinkulu zokhuseleko.
- Infills sele iyingxaki ekhulayo kwindawo yethu.

3. Iindlela neebholorho

- Somlomo ohloniphekileyo, kuzo zonke iwadi esizihambeleyo bakhala ngeendlela nebholorho ezingekho mgangathweni.
- Kwezi wadi 19,1,20 kunye no 26 bakhalazela izitalato nemijelo yamanzi.

4. Ugutyulo lwelindle

- Izindlu zangasese zenziwe kwezinye iilali kodwa ezinye akukafikelelwa kuzo.
- Kwezinye indawo zaye zaqaliswa kodwa zaphela phakathi.

5. Izindlu

- Kunesidingo esimandla sezindlu zabantu abangathathi-ntweni.
- Abantu bethu basahlala kwizindlu zethutyana ngenxa yokonakalelwa zizindlu zabo.
- kuWadi 19 kunesidingo se low cost okanye izindlu zokurentwa zikarhulumente.

6. Pre-schools, amabala nendawo zokuphumla

- Kwindawo ezinintsi izikolo zabantwana abancinane zikhona kodwa azikho mgangathweni.
- Matatiele local Municipality has a youthful population and there's a need for investment in social services and facilities to meet the needs of this growing population. Sports facilities, especially in rural areas, including multi-purpose centres are a priority. Recreational facilities such as parks in the three towns are needed. In most wards, young people have emphasized the need to have programmes that are aimed at sport development.

Bahlali,

Xa singena kwimiba yokuziswa kweenkonzo ebantwini – singuMaspala wenu sisaqhubeka nephulo lethu lokulwa ii-backlogs. Ukufakelwa kombane kwindawo zethu ngomnye wemiba etshis'ibunzi. Kodwa bahlali nizakundingqinela xa ndisithi nangona ekhona amagingxi-gingxi apha naphaya, kodwa siyaqhuba nokukhanyisa iingingqi zaseMatatiele. Kulonyaka mali ka-2018-19, sifakele umbane kumakhaya angaphaya kwe- one thousand five hundred.

Ngabantu base Wadi 3, 4, 5, 9, 14, 18 nase Wadi 26 abathe baxhamla ngokupheleleleyo kutshanje. Ukanti ke Somlomo sikwagxothe ubumnyama safaka ukukhanya kwimizi eyi ONE THOUSAND TWO HUNDRED AND SVENTY-THREE THOUSAND e-Goxe - KwaMatias, Pamlaville nase-Chibini. Ko-Ramaqele, Thaba Bosiu, Tshitsong nako-Khohlong sifike kwavokotheka. E-Nice Field nase-Mateleng sikhanyise kwimizi eyi THREE HUNDRED AND FIFTY, eMohapi eyi-TWO HUNDRED AND NINETY ngelixa eNkungwini sitshintshe ubomi sabenza ngcono kwimizi eyi i-ONE HUNDRED AND FORTY.

Ladies and gentlemen I can confidently say that when it comes to electrification, we have turned the corner. In 2015 our electricity backlog was sitting at 45%, I can now

proudly say that we are sitting at 30%, - and we are working tirelessly with the department of energy and Eskom to reduce the number even more. Umsebenzi uya bonakala Cllr Setenane.

Through these electrification projects, about three hundred and fifty jobs for local people are created.

ACCESS ROADS

Xa singena kumcimbi wezendlela

Mandiyitsho into yokokuba nathi singumaspala ayisonwabisanga kwaphela imo ezikuyo iindlela zethu – kwaye nesimo sezulu sidlala indima enkulu ukusibuyisela emva ngokuphathelene nemeko yendlela zethu. Nizawukhumbula ke bahlali ukuba siphantsi naphezulu ukuzama ukuza nesisombululo esiphathekayo kulo ummba. Sikwabongoza ke kananjalo ukuba masinyamezelaneni.

Honourable Councillors,

We have in 2018 – 2019 financial year, recorded the following access roads and bridges that are funded by Municipal Infrastructure Grant and through our capital budget:-

PROJECT	STATUS	AMOUNT
4KM Nomgavu access road in ward 18	Retention stage	R3 Million
8,6 KM Epiphany access road in ward 22	Retention stage	R7 Million
4KM T13- Zwelitsha access road in ward 5	Project is on practical completion stage	R4 Million
Mabheleni Bridge in ward 21	Project is on construction stage	R3 Million
2KM Mountain View Internal Streets in ward 20	Retention stage	R12 Million
5KM Matatiele Internal Streets(CBD) Phase 2 in ward 19	Project is on construction stage	R35 Million
Ngcwengane Bridge in ward 7	Project is on construction stage	R5 Million
6,5km alternative surfacing of Sijoka access road in ward 10	Construction stage: Slow progress on site due to the contractor under-performing. To correct this, a Sub-Contractor was appointed by the Contractor to complete the project.	R12 Million

Ukanti ke icandelo lethu elijongene neziseko zophuhliso nalo liphosile esivivaneni ngokuphathelene nokuphuhliswa komntu omtsha waseMatatiele - ngokuqalisa iphulo lokwakha iziko lezenkcubeko nemidlalo.

Esi sakhiwo sodidi oluphezulu nesixabisa i- R20 Million sifumaneka ngakwindlela u-T12 xa usiya ngase-Maluti, cebu kuhle ne-aerodrome. Ngokwenene Cllr. Bono, ubomi bomnt'omtsha waseMatatiele abusoze buphinde bufane nakuqala. Kaloku siyayazi ukuba ulutsha lwethu olungekho sikolweni luphiwe ngenene ngokuphathelene nezemidlalo nenkcubeko – ngoko ke luzawuncedakala kweli ziko. Ukanti ke sikwenjenjalo nase-Cedarville – eyona nto iphambili kuthi kukuqinisekisa ukuba ulutsha lufumana amaqonga okuziphuhlisa kangangoko.

Madame Speaker,

I would like to urge our communities to be patient with this government and acknowledge that they have a right to protest but not to vandalise the existing government infrastructure because that is taking government backwards. I advocate everyone to work together with the Municipality and government to move Matatiele forward.

Mandiboleke nakulo unyaka kumazwi kowayesakuba ngumongameli weli uThabo Mbeki xa wayebeka iintambo he said and I quote, "**I would like to say that gloom and despondency have never defeated adversity. Trying times need courage and resilience. Our strength as a people is not tested during the best of times. As we said before, we should never become despondent because the weather is bad nor should**

we turn triumphalist because the sun shines,” close quotes.

Ndithi sonke masiqhubele phambili sisebenzisana ukwenza iMatatiele engcono, singavumeli nanye into ime phambi kwethu, kumele sitsho ngazwi linye okokuba Sisonke siqhubela uMzantsi Afrika phambili.

IGR forum members,

Uyabonakala umsebenzi weliqonga kwindawo yethu yaseMatatiele. Sibalwa kunye noMasipala abane-IGR Forum enefuthe. Ukuqinisekisa kwethu ukuba sidibanis’iintloko rhoqo ngekota kuzel’amathokazi – kwaye oku kuzakungqinwa yingxelo endizakuyinika namhlanje. Nangona ke malungu abekekileyo kukhona iindawo ekumele silungise kuzo, kodwa intsebenziswano yenu nokusebenza kwenu ngokuzinikela kuyancomeka. Mandiyithethe kodwa into ethi singenza lukhulo ukuba singasonyusa isantya ukuhlangabezana nezikhalazo zabahlali baseMatatiele.

Kwicala lamanzi, Somlomo

uMasipala wesithili i-Alfred Nzo ukusabela kucala lamanzi une-project eziqhubayo kwindawo yaseMatatiele.

Mandivume bahlali ukuba zinintsi izikhalazo ezingenayo kuthi malunga namanzi.

Inxelo esiyifumeneyo ukusuka kuMasipala wethu wesithili, ichaza ukuba:

Imali ebalelwa kwi R93 million ichithiwe kwi projects zamanzi kwiNdawo yaseMatatiele kunyaka mali lo esikuwo 2018 – 2019. Ezizigidi zichithwe kwezi projects: -

- Construction of Matatiele Regional Bulk Water Supply
- Construction of water supply in Matatiele ward 5 and ward 15.
- Construction of Matatiele Ward 7 Water Supply Scheme Phase 2.
- Construction of water supply projects in Bultfontein, Ned Farm, Mgubho, Hillside and Maphokong.
- Fobane Regional Water Supply phase 2 equka iiwadi ezintathu (wards 17, 23 & 24)

Through these projects, imizi engaphaya kuka six thousand four hundred and fifty-one (6 451) izakuxhamla.

Great strides have been made in ensuring that Matatiele residents have access to clean water as the Matatiele currently have 71.1 percent water access to date.

In responding to outcome 8 of government priorities,

Isebe lonzisiso loluntu kulenginqi yaseAlfred Nzo lisihlangabeze ngezi-projects apha eMatatiele: -

Queens Mercy (300) units kwa ward 12, Thaba-Chicha MPCC kwa ward 14, Ha - Sibi 16 in ward 4, Mvenyane 500 kwa ward 21, Masakala 550 kwa ward 3, Mdeni 30 and Thaba Chicha 500 kwa ward 14. Ukanti luyaqhuba ulwakhiwo lwezindlu eMaritseng 1500 nase Mehloloaneng 898 kwa ward 16.

Mhlawumbi mandisose ndisebenzisa elithuba ukunik'ingxelo ngokuphathelene nenkqubela phambil kule-project yaseMaritseng. Umsebenzi usamile phaya bahlali ngenxa yokungapasiswa kwe-variation order ngu-Treasury. Ukanti ke nase-Mehloloaneng kwezazindlu ziyi EIGHT HUNDRED AND NINETY-EIGHT siqaphele ukuba umsebenzi uhamba ngonyawo lonwabu phaya. Isebe ke lisafakan'imilomo nonokhontrakha ngeenjongo zokuba agwadl'igqinga elitsha elizakwenza abantu bathu bafumane izindlu kungekudala ukususela ngoku.

Bahlali

Isinintsi sabantu base Matatiele ubomi babo buphucukile.

iMatatiele inomhlaba omkhulu kakhulu ongasetyenziswayo, mhlaba lowo ongalulutho kakhulu ngokuphathelene nezolimo.

Ligcuntswana lamafama asakhasayo awusebenzisayo umhlaba kwaye sikhulu isidingo sokuba baxhaswe ngurhulumente ukubakhulisa babe kwizinga lokwenza ingeniso ebonakalayo.

Kubalulekile ke kuqoqosho lwethu ukuba siphuhlise ezolimo ukuze sikhusele ubutyebi bethu sitsale nabatyali zimali.

We are fortunate to have an agricultural sector that is well-developed, resilient and diversified –let's optimize on that opportunity.

Sisebenzisana neSebe Lezophuhliso lwamaphandle kunye nokubuyiswa komhlaba sizimisele ukusebenzisa ezolimo ukuze silwe nentlupheko.

Sichithe imali engange One million ukulima nokuncedisa kwicala lemfuyo kwi wadi ezohlukeneyo kuquka 9, 22 no 18…kwaye sele sizikhuphile iziniki Maxabiso kubantu abanomdla.

Ukanti, siyixhasile iMatatiele Farmer Production Support Unit kwimali esuka kwa Department of Rural Development and Land Reform- ngegandaganda ezimbini ezihamba ne

(Disks x2, Rippers x2, Fertilizer Spreader x1, Planters x2 and Trailers x2).

Honourable members

iSebe Lezophuhliso lwamaphandle kunye nokubuyiswa komhlaba kulonyaka-mali sikuwo lizakuchitha imali engaphaya kwe TWO MILLION RAND ukwenza kwi-Fencing Projects kwezindawo zilandelayo; eHanover, Glenleary, eBethel kuquka ne Steel Cattle Handling facility eMatelleng.

Elisebe lizakuphinde lichithe imali eyi EIGHT MILLION RAND lincedise iiWadi ezithile kwicala lezolimo kwi hectors eziyi Two Thousand Five Hundred. Ezo-wadi ziquka Ward 6, 8, 10, 14, 16 no 26. Kwicala lokuqinisekis'ukuba sigxatha ikat'eziko, isebe lizakuncedisa imizi engaphaya kwe ONE THOUSAND ngemali engaphaya kwe Six Hundred Thousand, kumaphulo ophuhliso.

Somlomo ohloniphekileyo,

Kumqulu wezithembiso wombutho olawulayo uMongameli Cyril Ramaphosa ebethe "we will set bold but achievable targets for youth internships, but must massively increase internship and training opportunities for young people."

SinguMasipala sisebenzisana ne arhente zabucala nezikarhulumente sithathele kuthi abantu abatsha abayi26 ukwenza internship. Sinabantwana abayi 11 abakwiphulo lokufunda izakhono kuMasipala wethu. Kwelinye icala iAgent ebizwa ngokuba yiMunicipal Infrastructure Support iqeqesha abantu abatsha bethu abahlalu kwizakhono. Sine learnership yakwa New Venture Creations enabantwana abayi55 kunye neye System Support enabantwana abayi 100.

The Department of Environmental Affairs played a huge role in our economy and has benefited the local youth of Matatiele with skills and knowledge. It provided the Matatiele Local Municipality with various learnership programmes for skills and also provided with some stipends for all learners that were part of those learnership programmes which started on March 2018.

Some Learners graduated and received their certificates after their courses whilst other leaners are still on process of completing their course:

The completed courses:

- Landscaping- had 20 students who completed their course and graduated early this year
- Field Rangers-had 20 learners who completed their course and received certificates early this year.
- Nature Conservation had 20-30 learners who completed their course.
- Bricklaying-has 18 learners who are still on process of completing their course which will take three consecutive years.
- Code 14 licensing: has 30 learners who haven't yet started their classes. Kulindeleke okokuba iqale kungekudala.

Silibhunga bahlali saye sathabatha isigqibo emveni kwesikhalazo seminyaka kulutsha sokokuba sibuyise iMayoral Cup. Iqalile ke imidlalo kwi wadi zethu ngoku silindele imidlalo yamagqibela-kankqoyi ezakubanjwa kulenyanga izayo ngomhla ka15 nowe 16 eMatatiele. Yimidlalo yeNetball nebhola ekhatywayo yamaneminyaka engaphantsi kweshumi elinesithandathu.

Sikwenza oku ukuphuhlisa izakhono zabantwana bethu ukuze babe nekamva eliqaqambileyo.

Sisaqhubeka nokuncedisa abantwana abafuna uncedo lokubhalisa kumabanga aphakamileyo (application process), sikwanika nenkxaso-mali ye registrations, sikhuthaza abantwana abenza ibanga leshumi ukuba emveni kukaJune babandwendwele iofisi kaMasipala yakwaSPU.

Sikwancedisana nabantu abadala, omama, abantwana, abo basuleleke sisifo sikagawulayo kunye nabaphila ngenkubazeko.

Somlomo ohloniphekileyo,

Ukusabela kwenye yemigomo ka Rhulumente, umgomo wokuqala uthetha ngezemfundo.

Luyaqhuba ulwakhiwo lwezikolo, ulwakhiwo logutyulo lwelindle ezikolweni kwindawo yethu eAlfred Nzo West District. Olulwakhiwo kwezinye zezi zikolo luquka i-Admin blocks, fencing nezinye, imisebenzi eyohlukeneyo iqhuba kwezi zikolo: -

- Phuthaditjhaba J.S.S kwa ward three

- Ntabeni Mega School kwa ward seven – iquka izikolo ezisixhenxe
- Mothibisi SSS lebatoweng la fourteen
- Zibi Meyer Mega School kwa ward twenty-four - iquka izikolo ezilishume
- Pontsheng Mega School kwindawo yakwa ward 25 - iquka izikolo ezilishume eline sithathu
- Bultfontein SPS kwa ward twenty - six - Construction of Grade R ablution facilities.
- Bavumile SPS kwa ward twenty - six: the scope is comprising of Admin block, ablution blocks for both learners and teachers, computer and science lap, multipurpose hall and nutrition facilities.
- Mavundleni SPS kwa ward seven
- Likhetlane JSS kwa ward 16. Construction of Grade R ablution facilities,
- Mount Hagreaves SSS in ward 17
- Ralebitso SSS in ward 15
- Lihaseng JSS in ward 15
- Mokheseng SSS in ward 16
- Bethesda SPS in ward 23
- Ntlola JSS in ward 21

Honourable Councillors,

While still on the department of Education, the department will undertake major construction on the following schools: -

- Makhoba, Upper Mkhemane, Kennersly, Magadla, Luphindo.

Inene umsebenzi uyabonakala.

Department of Social Development

iSebe lakwa Social Development and Special Programmes eMatatiele liqhubela phambili ukuncedisa iprojects eziyi 75 ngemali engaphaya kwe R12 million, eziprojects zincedisa ukugxotha indlala nekati eziko, zincedise ukuqinisa uphuhliso noqoqosho.

I-arhente yoMzantsi Afrika ejongene nokhuseleko lezentlalakahle nezibonelelo zendodla (SASSA) linikezele ngeenkonzo zokutya kumakhaya angathathi ntweni kuba singuRhulumente okhathalayo, wanikezela nabantwana besikolo iuniform kwiiwadi ezohlukeneyo. Kunikezelwe ukutya kwimizi engaphaya ku three hundred.

uSASSA uchitha imali ebalelwa kwi R700 000.00 monthly eMatatiele kuphela. Ngonyaka, kuchithwe i-R5 million eMatatiele kuphela.

IMPROVING HEALTH CARE

Isibhedlela sethu i-Tayler Bequest, sikwazile ukuqasha oogqirha abasithandathu abasuka kumazwe afana no United Kingdom, Britain nase Congo, kulonyaka ophelileyo.

eKhotsong TB Hospital, luyaqhuba ulwakhiwo lomgangatho ophezulu wesibhedlela. The major R302-million infrastructure project is underway and running smoothly. The project involves demolition of some of the existing structures to make way for the new facility and part of the project includes converting the pediatric wards to administration offices. The new facility is made up of a 120-bed hospital with general TB and multiple drug resistant (MDR) TB wards.

Isebe lezempilo eMaluti Sub- District

- Nyaniso Clinic: Phase 1 oyindawo yokuhlala abasebenzi uqukunjelwe. Phase 2 of building the clinic will commence soon.

In ensuring drug availability in all Primary Health Care Facilities, currently the department is experiencing challenges regarding drug availability across most of the clinics due to challenges experienced at the Mthatha Depot. Some items like the TD vaccine are out of stock nationally from the manufacturers. Yimeko le embi yokungafumaneki kwayeza kumasebe wethu ezempilo kodwa sizimisele ukusiguqula esi simo.

Somlomo,

Ukulwa ulwaphulo mthetho endaweni yethu, owayesakuba nguMphathiswa waMapolisa uMnumzana uBheki Cele uvule ngokusesikweni i–Police Station kwiNdawo yasePholile. The new police station is servicing communities of Mount Fletcher and Matatiele as a continuation of the SAPS' program of service delivery due to population growth and spatial development and a step towards a journey to a safer South Africa.

Minister also handed over six police vehicles citing that his office does not want to hear complaints from residents about shortages of vans when needed to attend to crime activities.

South African Police Services continues to play a critical role in fighting crime in our area. Nevertheless, we are still faced with challenges of stock theft, cases of assault, rape, burglary at residential areas.

Public Works,

In continuous effort towards eradicating the high rate of unemployment amongst the youth of Matatiele, the department of public works has rolled out a number of youth programmes to respond to high rate of unemployment.

One such programme is the artisan development programme that benefited a total number of twenty-nine young people in fields such as plumbing, electricity, bricklaying, painting and carpentry. There is also the national youth service programme which employed two young professionals.

Under building section of the department, construction of Maluti Senior Secondary School and St Mathews JSS are underway.

Bahlali

The Micro, small and medium-sized enterprises, socially-owned enterprises such as co-operatives and revitalisation of township and village economies are critical for economic transformation, inclusive growth and job creation and can help drive innovation and all forms of entrepreneurship.

Yingako singuMasipala sichithe imali engaphaya kwe One million Seven Hundred ukuqeqesha osomashishini abasakhulayo kwi: Trademark and Branding; Financial Management; Business Management and Marketing; Project Management in Construction; Supply Chain Management Processes and Homebuilding. Sathenga hawker stalls; sanika iGrant In-Aid Fund kuma SMMEs nokuba siphonononge i SMME sector Plan.

Bahlali

SinguMasipala siqhubela phambili nokuxhasa ezokhenketho nokuqinisekisa okokuba zingenisa inzuzo esiyidingayo ingakumbi ukuthengisa iMatatiele njengendawo yokhenketho ehamba phambili.

Kodwa we need to increase support for the tourism sector, including cultural tourism, to boost its job creation capacity by adopting a 'whole-government approach' to tourism.

Kulonyaka uphelayo sichithe imali eqikelelwa ngaphaya kwe Seven hundred & sixty. Enye yalomali ixhasa umdyarho wamahashi obanjwa minyaka le apha eMpharane kulamabala sikuwo ebizwa ngokuba yi Mehloding tourism trust event; Matat Fees Event, Ced-Matat Marathon Event kunye ne Uzusithwale Gospel festival.

Malungu ahloniphekileyo

Sizawukhumbula nathi bahlali okokuba singumasipala kwiminyaka edlulileyo besifumana uphicotho zincwadi olungenamakhwiniba. Kodwa kunyaka ophelileyo asenzanga kakuhle kwaphe yaye kumele sivume phambi kwenu okokuba kunintsi okufanele kwenziwe. Silibhunga saye sayalela amagosa ukuba aguqule esi simo kungenjalo

kuzakuba khona iziphumo ezingekho mnandi. Asikwazi ukuba kulemeko futhi kumele siphumile kwaka msinya. Sathembisa silibhunga nezinye iikomoti okokuba siza kuwaxhasa amagosa ngandlela zonke.

Sicele kumagosa asiphe indlela abaza kuguqula ngayo esi simo aze athi nazi izinto ekufuneka zenziwe ngokukhawuleza:

1. Ukuphuculwa kwendlela yokwenza izinto kumasipala ingakumbi kwizivumelwano athi angene kuzo;
2. Kusetyenziswe kakhulu iOfisi yangaphakathi yophicotho ukujonga imingcipheko kwakamsinyane;
3. Ikomoti yophicotho ibe yinxalenye yentlanganiso ezibalulekileyo zikamasipala kuqinisekiswe ukuba izindululo ziyalandelwa;
4. Iinkampani ezenzela umasipala umsebenzi kumele zishiye izakhona kubasebenzi;
5. Inyanga nenyanga kuthiwe theca ukusetyenziswa kwemali;

6. iFinancial statements zenziwe kwisiqingatha sonyaka ukuze kufunyanwe msinye iziphene nokungahambi kakuhle;
7. Sisebenzisane ne ofisi yomphicothi-zincwadi ukuba kukhona izidingo zokongezwa kwezixhobo ze lonto yenziwe msinya;
8. Siqinise ukuhlola kokusebenza komasipala;
9. Abaphathi badlale indima yabo ekujongeni iimali eziphumayo nezingenayo, ukuhamba kakuhle kwazo nokudityaniswa;
10. Kubekhona icheck list kwisebe lakwaSupply Chain kuzo zonke izinto ezithengwayo;
11. Kudandalaziswe ngokuphandle iAnnual Financial Statements ngabaphathi, internal audit unit, kunye ne audit committee ukuze kubonwe kulungiswe apho kungahambi kakuhle khona phambi kokuba kuthunyelwe kumphicothi-zincwa.

Sizawuphinde futhi si:

- Qinisekise okokuba siqinisa amandla wabahlali ekuzithatheleni izigqibo.

- Sisebenzise ubuxhaka-xhaka belixesha ukuphucula indlela esisebenza ngayo.

- Siphucule izakhono nokuqesha amagosa anezakhono esizidingayo.

- Sizebenzisane namanye amasebe karhulumente ngakumbi kwaye sikhawuleze ukusombulula iingxaki zabahlali.

- Build the capacity of our municipality to promote investment and job creation by ensuring that we provide electricity, water and other services reliably and consistently.

Kwinkosi zomthonyama siku:

- Phucula indlela esisebenzisana ngayo neenkosi zethu sithabathela kwisivumelwano esasithabatha kwiTraditonal Leaders Summit kunyaka ophelileyo, ukuze siphucule uqoqosho lwethu nokusetyenziswa komhlaba.

- Siqhubeke sikhangela eyona ndlela ephucukileyo ezakuqinisa intsebenziswano namakhosi weendawo zethu.

"The achievement of an inclusive society requires institutions that are not only credible and capable, but that

are also equipped to enable and facilitate transformation. We seek a state that is both capable and developmental". President Cyril Ramaphosa

Sinemigomo emithandathu singumasipala esisebenza phantsi kwayo eyile:

- Ukuhambisa iinkonzo ebantwini sihlise izinga eliphezulu losilelo ngokwenkonzo.
- Uphuhliso loqoqosho lwasekuhlaleni nophuhliso lwamaphandle, ukudalwa kwamathuba emisebenzi sisebenzisa inkqubo ye Expanded Public Works Programmes (EPWP) kunye ne Community Work Programme (CWP)
- Ukuhlelwa kokuhlalwa kwindawo ezifana neMaluti, Cedarville kunye Matatiele.
- Ukuphathwa kwezimali okukuko.
- Ulawulo olululo, sibandakanye abahlali kunye nokusebenzisana nezinye izigaba zorhulumento.

Department of Roads and Transport,

In – house current projects:

- Dry bladding of DR08013 at Sihlabeng
- Dry bladding of D639 eZitapile
- Patch –graveling & Heavy maintenance for Maluti-Ramatsiliso boader gate (DR08013)

Previous projects: -

- 12KM regravelling of Mohloloaneng to Thabachicha
- 17KM regravelling of Taylorville (DR08014)
- 7KM regravelling of Zincuka to Mahlake

Bahlali

Kuluvuyo nochulumanco kum nelibhunga ukuba sizokuthi thaca phambi kwenu uhlahlo lwabiwo-mali lomasipala waseMatatiele lonyaka u 2019/20 kunye neminyaka emibini elandelayo u 2020/21 no 2021/22.

Isekelezelwe ukuqinisekisa okokuba ihamba ngokwemithetho elawula ezezimali equka umthetho olawula ezezimali komasipala, nomthetho olawula imisebenzi kamasipala, amacwecwe asuka kwisebe lezezimali neminye imithetho.

Njengoko sichazile ngasentla, silibhunga umsebenzi wethu kukuqinisekisa okokuba senza umsebenzi esuwunyulelwe

ngamawaka-waka abantu baseMatatiele oko kukuhambisa inkonzo ebantwini. Sibizelwe ukuqinisekisa ukuba abantu banendlela, sihambisa umbane, ezentlala-kahle, isimo esisemgangathweni sokusondeza abatyali zimali, sigxile ekuphuhliseni uqoqosho.

Namhlanje, ndizisa phambi kwalendlu uhlahlo lwabiwo-mali endinethemba ngokubona kwam ukuba lubonisa ncakasana ubume balomasipala kwezezimali. Isemdleni wabantu basematatiele hayi izidingo zombutho wopolitiko othile. It is to safeguard the sound financial status of the municipality.

South Africa is a small open economy and we are impacted by events in the global economy like the growth is now expected to slow.

These macroeconomic conditions have led to a weaker economic outlook.

Madam Speaker, walk with me on a journey of how we have chosen to respond to the challenges facing us.

Madame Speaker,

Ngethuba sindwendwele abahlali ngoNovember ka 2018 sasiphethe imali yerevenue okanye ingeniso eyaqikelelwa kwi **R505 million**. I**R388 million** iya kwicala le operating expenditure ze i**R174, million** iya kwicala le capital expenditure.

Saye sathi chatha uqikelelo lohlahlo-lwabiwo mali oluyi **R562, 5 million** lonyaka u2019/20-2021/22.

Emveni koko saye sabuya silibhunga sahlenga-hlengisa emveni kweengcebiso ezisuka kuni nakumanye amasebe karhulumente.

Ezinye zeembono eniye nazivelela bahlali kwi IDP Budget road shows ziquka;

- Ummba wokwakhiwa nokulungiswa kweendlela, kufakwe nee-bridge– nochaphazela phantse zonke iiwadi

- Abahlali baacela ukuba umaspala ayongeze imali yokuxhasa amashishini asakhasayo kunye namaphulo anjongo yawo ikukukhuthaza utyelelo eMatatiele
- Ukanti nommba wezibane zokukhanyisa ngaphandle e-ward 01, 19 nase- 20 nawuchaphazela…kuquka nokuqwalaselwa kommba wokusebenza ngendlela eyiyo kwe- traffic lights
- Nawo umba wokungasebenzi kakuhle kwemibhobho ehambisa amanzi waphakanyiswa
- Sisivile futhi isikhalazo kubahlali sokuba xa siqashe icontractors ukwenza umsebenzi kumele sizilandelele ukwenzele kwenziwe umsebenzi osemgangathweni kwakhona siqashe abanezakhono.

Allow me Madame Speaker to table the final budget for 2019/20-2021/22 after all the comments received.

Revenue Budget

The revenue budget is anticipated to be R505, million in the 2019/20 financial year. The adjusted budget for 2018/19 was R453, 9 million. This is an increase of R51, million from the adjustment budget 2018/2019, the increase has resulted from the following;

- The property rates amount is calculated from the current valuation roll as implemented from 01st July 2018 with a proposed increase of 5%.
- The revenue from service charges is budgeted to be R53, million from electricity revenue and R14,7 from refuse removal revenue , the revenue from this source is a major revenue source as is represents 14% of the own revenue budget .
- The operating transfers and subsidies represent 48% of the total revenue which is R242, 8 million, included in this type of revenue is equitable share grant, expanded public works grant, library support grant, finance management grant and the 5% allocation from the municipal infrastructure grant for operational budget for the project management unit.
- Another major contributor to the revenue budget is the transfers and subsidies capital, this type represents 23% of the total revenue, which includes the Municipal infrastructure grant and the integrated electrification grant.

The grant allocation for the 2019/20 budget has increase by 11% from the 2018/19 budget.

Operating Budget

The total operating budget amounts to R388, 2 million for the 2019/20 budget from adjustments budget of R346, 9 million zonyaka mali u2018/19, this is an increase of R41, million resulting from the following;

- The budget allocated for employee related costs amounts to R120, 6 million for the 2019/20, this has increase by R4, 5 million as a result of salary and wage increment of that has been effected for the 2019/20 budget as per the collective agreement.

Another contributor to the increase of the budget for this type of expenditure is the inclusion of vacant positions that need prioritisation for the 2019/20 budget.

- The remuneration of Councillors budget represents 6% of the total operating budget which amounts to R22, 7 million.
- The budget for depreciation and amortisation represents 8% of the total operating budget and

amounts to R30, 4 million this has increased by R14, 9 million from the adjustments budget 2018/20.

- Bulk purchases budget amounts to R47, 9 million which represents 12% of the total operating budget, the budget for this type of expenditure has been informed by Eskom anticipated increased for the 2019/20 budget.
- Repairs and Maintenance budget amounts to R23, 4 million which represents 6% of the total operating budget, this has increased by R10, 3 million mainly due to prioritisation of repairs and maintenance of roads in the 2019/20 budget.
- The contracted services budget amounts to R64, 9 million which represents 17% of the total operating budget, this has decreased by R9, 9 million due to prioritisation of repairs and maintenance for the 2019/20 budget.
- Other material budget amounts to R4,6 million which represents 1% of the total operating budget with a R1,3 million decrease as a result of prioritisation of repairs and maintenance budget.

- The budget for other expenditure amounts to R68.1 million and represents 18% of the total operating budget.

Capital Budget

The total capital budget for 2019/20 amounts to R178, 3 million to be funded as follows;

- The municipal infrastructure grant will fund an amount of R46, 7 for the construction of road infrastructure for the 2019/20.
- The integrated electrification grant will fund an amount of R70, 1 million for rural electrification.
- The municipality will fund an amount of R61,3 for the 2019/20 budget through its capital reserves.

Project Management

Ukongeza kwicala lendlela esizakuthi sizokhe nebridges kulonyaka-mali uzayo, sivumelene nabahlali xa sithetha-thethana nabo okokuba masiqale ngezi zilandelayo ezinye zazo sele ziqhuba kwaye ezinye sele zinikezelwe ebahlalini zisuka kunyaka-mali esiwuqwelayo:

PROJECT DESCRIPTION	NEW OR UPGRADE OF EXISTING	REGION /WARD	BUDGET 2019/2020	COMMENT
			62 218 699	
Maluti Internal Streets -Phase 4	**Upgrade**	**1**	4 664 999	In Progress
Matatiele CBD Internal Streets -Phase 2	**Upgrade**	**19**	8 200 766	In Progress
Cedarville Internal Roads ï Phase 3	**Upgrade**	**26**	4 835 001	In Progress
Cedarville Sport Center	**Upgrade**	**26**	6 045 678	In Progress
MT View Internal Streets	**New**	**20**	465 000	Retention
Harry Gwala Internal Streets	**Upgrade**	**20**	500 000	In Progress
Sijoka Access Road	**New**	**10**	650 000	In Progress
Extension of Matatiele Sport Center	**New**	**20**	7 204 244	In Progress
Mabheleni AR and bridge	**New**	**21**	960 000	In Progress
Mahangu AR and Bridge	**New**	**9**	2 000 000	In Progress
T13-Zwelitsha Access Road	**New**	**8**	250 000	Retention
Epiphany Access Road	**New**	**22**	375 000	Retention
Nomgavu Access Road	**New**	**18**	190 000	Retention
Freystata Bridge	**New**	**15**	3 059 720	In Progress
Nomgavu Bridge	**New**	**18**	1 860 921	In Progress
Ngcwengane Bridge	**New**	**7**	3 030 921	In Progress
Magonqolweni Access Road	**New**	**10**	2 500 000	In Progress
Maralekeng Access Road	**New**	**2**	2 426 449	In Progress
Nkasela Access Road	**New**	**4**	3 000 000	In Progress
Mohapi Access Road And Bridge	**New**	**13**	2 000 000	In Progress
Moiketsi Access Road	**New**	**14**	1 500 000	In Progress
Mdeni- Manzini Access Road	**New**	**7**	3 000 000	In Progress
Purutle to Moyeni Access Roads	**New**	**24**	2 000 000	In Progress
Mkhemane	New	**22**	1 500 000	In Progress

Total budget 2019-2020

Xa idibene yonke imali esizakuyisebenzisa ukuzisa iinkonzo eluntwini ngo 2019/20 yi R566, 6 million with a R64, million increase from adjustments budget 2018/19, for the operating expenditure budget a R45,6 million increase and R18, 3 million increase for the capital budget.

Tariff of charges

All charges excluding electricity and Refuse are proposed to increase by 5% for the 2019/20 financial year, proposed to start 1 July 2019.

Property Rates

Property rates tariff is proposed to increase by 5% for the 2019/20 financial year as follows:

Electricity

The electricity tariff is proposed to increase by 13% as per the NERSA guideline.

Refuse removal and other tariff of charges

Refuse tariffs are proposed to increase by 7% and all other tariffs are proposed to increase by 5%.

In tabling the 2019/2020 and outer years 2020/2021 and 2021/2022 allow me Madam Speaker to explain it as follows,

- Operating Revenue by source of R505, 351, 549

- Operating Expenditure by source of R388, 292, 102
- Capital Expenditure by source and municipal vote of R178, 384, 250
- Total budget of R566, 676, 352

Ukanti ngokuphathelene nemigaqo-nkqubo yohlahlo-lwabiwo mali –Ngethuba silungisa olu hlahlo lwabiwo mali, sihlaziye ngokutsha ze sayithi thaca kubahlali lemigaqo-nkqubo ilandelayo:

Appointment of consultant's policy,

Banking and investments policy,

Budget policy,

Cash management policy,

Cash shortage policy,

Credit control and debt collection policy,

Customer care policy,

Customer incentive scheme policy,

Data backup policy,

Debt capacity policy,

Donor finance policy,

Electricity token policy,

Entertainment & refreshments policy,

Unclaimed deposits policy,

Fraud prevention plan 2019-20,

Gifts policy for officials,

Grants & donation policy,

GRAP framework policy,

Indigent Policy,

Cash-up Policy,

Fixed Assets Policy,

Payment Policy,

Petty Cash Policy,

Rates Policy,

Special Services Policy,

Strategy to improve Debtor policy,

Supply Chain Management Policy,

Tariff Policy,

Use of Credit Card Policy,

Virement Policy and infrastructure procurement and delivery management policy.

Abanye benu bazawukhumbula bahlali ukuba besizikhuphile izaziso ngalemigaqo-nkqub, kodwa ke Somlomo akhange kubekho bantu baphefumlayo.

As I conclude, mandiphinde nakulo unyaka ndithabathe elithuba Somlomo, ndicele kumalungu abekekileyo noluntu ngokubanzi, ukwenza isicelo sokuba sixhasane ekuziseni inguqu kubantu bakowethu.

To my executive members remember, you are the pillar when it comes to ensuring that things happen in our municipality. Honourable councillors, your dedication when it comes to the attendance of community meetings to explain budgets proposed by the municipality, has been noticed with gratitude.

Municipal Manager and your Team, we appreciate your contribution towards improving the lives of the people of Matatiele. Kubalulekile ukuba sikhumbule ukuba xasisebenzisana kunye nabasebenzi ininsti into esinoyenza nesinoyifikelela. A healthy employee can produce healthy results that we can all be proud of.

Kubahlali kuloMaspala waseMatatiele, siyabulela ngokusiboleka iindlebe, xa simana ukuza kuni sizobeka

imingeni esijongene nayo singumaspala. Sibamba ngazo zozibini nakubantu abathe bazixhamla ngokusinika izimvo zabo besebenzisa amakhasi ethu onxibelelwano.

uMongameli weli loMzantsi Afrika uCyril Ramaphosa kwintetho yakhe yokuvula iPalamente he said and I quote "We are determined that everyone in public service should undertake their responsibilities with efficiency, diligence and integrity. We want to instill a new discipline, to do things correctly, to do them completely and to do them timeously," close quote.

He went on to say a new dawn is upon us and it is time for all of us to say "Send Me" / Thuma Mina. "Now is the time to lend a hand, our country has entered a period of change, together we are going to make history, he said.

In spite of the challenges that we are facing as Matatiele Local Municipality, including the state of roads, electricity, potholes and refuse removal we are today saying a new dawn has come and we will indeed take necessary measures to ensure that today is better than yesterday

and tomorrow will be better than today. Now is the time for all of us to work together, in honour of Nelson Mandela, to build a new and better Matatiele for all.

Hon. Cllrs, unemployment continues to be one of our most pressing challenges. It is therefore a matter of great urgency that we draw young (as the most affected group) minds in far greater numbers into productive economic activity. Working in partnership with government agencies and the private sector we hope to double our efforts towards creation of opportunities for young people to be exposed to the world opportunities. In this Financial Year, through our Special Programmes unit we are planning a youth entrepreneurial day – this is where our young minds will meet their fortunes.

Ladies and gentlemen, as your government we are ready to serve you,

Camagu.